

**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG
UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE
INQANABA ELIPHEZULU
(Iphepha Lesithathu)**

IXESHA: 2½ iiyure

AMANQAKU: 120

IMIYALELO:

- Eli phepha linamaCandelo amathathu A, B, C.
 - KwiCandelo A khetha isincoko sibe sinye ubhale ngaso uzalise amaphepha amabini anesiqingatha.
 - KwiCandelo B khetha ileta ibeNye, umhlathi ubemNye nomhlathana ubemNye.
 - KwiCandelo C uyakukhetha uphendule umbuzo ubemNye kuphela.
 - Qala iCandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
-
-

ICANDELO A

UMBUZO 1

- 1.1 Bhala isincoko esinye esimalunga namagama angama-400-500 ubude okanye amaphepha mabini anesiqingatha azeleyo.
- 1.1.1 Ungomnye wabasebenzi phantsi kwequmrhu le “Fika Uphila” (Arrive Alive). Khawuchaze iziganeko enidibana nazo xa nisebenza – kubaqhubi nakubahambi ngeenyawo. Chaza neendlela enizama ngazo ukusombulula, kunye neenguquko enizibonayo emveni kokuba nithethile nabantu abachaphazelekayo. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.
- 1.1.2 Ibingathi ngugawulayo otshayela uluntu jikelele, kanti neTsunami yangomhla we 24 kweyoMnga 2004 iza kusuka yona itsho ngentlekele yokubangcwaba abantu bephila. Khawubalise ngalo bhuhane ekuye kwacaca ukuba makungxengxezwe nakuQamata ukuba abuye ngenceba. Ungasilibali isihloko.

OKANYE

- 1.1.3 UmZantsi Afrika omtsha ubuvuselele uBuntu bethu, satsho sazidla nangeelwimi zethu ezilishumi elinanye. Khawutsho ngokuthe kwaphuhliswa yimvakalelo / umoya noBuntu, uyichaphazele nendlela emi ngayo iflegi yethu isinxibo sesintu esiveza kwa-obu buntu. Sinike isihloko isincoko sakho.

OKANYE

- 1.1.4 Ezinye zeenjubaqa ezikhoyo ziphenjelelwa yindlela abazali abaziphethe ngayo engengomzekelo omhle phambi kwabantwana. Ukuba uyavumelana nale ngongoma, xoxa ngayo kom'amathe itsho nemfama ibubone ubungozi boku ngenxa yemizekelo yakho. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.
- 1.1.5 Indlela onxiba ngayo, umzekelo: isinxibo sesikolo / secawe / somsebenzi njalo njalo, inegalelo ekuziphatheni kwakho, utsho ube nebhongo . Khawuveze izimvo zakho ngalo mbandela.

OKANYE

- 1.1.6 Ngokwenza '*Ubulungisa', usenokuba wenza into entle, maxa wambi ukwenza kwakho ubulungisa, ushiyeke uthwala izandla entloko. Ngokwale nkcazo ingentla, veza ubumbolombini besi sihloko.

AMANQAKU ECANDELO A: [40]

ICANDELO B

UMBUZO 2

Apha kulo mbuzo ubuzwe iileta eziMBINI. Khetha uhlobo olunye lweleta ubhale iphepha elinye elinesiqingatha ubude.

- 2.1 Ubu-odole umatshini wokuhlamba iimpahla kwikampani yakwaLG, bawuthumela. Ufumanise ukuba lo matshini uyayishwabanisa impahla yonakale. Bhalela imanejala yakwaLG uyixelele ngale ngxaki.

OKANYE

- 2.2 Umhlobo wakho okuthandayo uye wakubolekela imali ebhankini xa iimpahla zendlu yakho beziza kuthinjwa ngenxa yamatyala onawo esenziwa kukuphelelwa kwakho ngumsebenzi. Mbhalele ileta yombulelo ongazenzisiyo, umxelele ukuba iimali zakho owazityalayo ziza kuphuma ukuphela kwenyanga, ngaloo ndlela uza kumhlawula imali akuboleke yona.

[20]

UMBUZO 3

Kulo mbuzo ubuzwe imihlathi emithathu. Khetha ube mnye ubhale ngawo iphepha elinye elizeleyo.

- 3.1 Ngeholide zeKrisimesi beniphume nilusapho ukuya kuzonwabisa ePolokwane, naza nachitha iveki nilapho. Bhala ingeniso yedayari esukela kusuku lokuqala nifika apho.

OKANYE

- 3.2 Ngumhlola lo! Imali yenkamnkam andisayifumani. Kuthiwa ndafa kwiinyanga ezimbini ezidlulileyo kwaye nemali yebhokisi yakhutshwa Ndafa yindlala.

Khawuthathele kule ntetho ubhale imemorandam uyijolise kuMphathiswa wezasekhaya, udandalazise ukungoneliseki kwakho ngalo mba.

OKANYE

- 3.3 Yenza isigxeko-sincomo sekhaya labantu abadala apho unyokokhulu aza kuya khona kuba engenabani umkhathaleleyo/umjongileyo ebudaleni bakhe. Wena awukwazi ukumhoya ngenxa yezifundo ojongene nazo.

[20]

UMBUZO 4

Ubuzwe ngemihlathana emithathu. Khetha ube mnye uphendule wona. Ubhale uzalise iphepha libe linye.

- 4.1 Iziko lomthambo (Dancing) eRhini lifuna abantu ababini abaza kufundisa ngomthambo lowo ukulungiselela umnyhadala odla ngokubanjelwa khona minyaka le ngoJulayi. Thumela i-CV yakho kule dilesi. Imanejala 100 Kent Street, Grahamstown, 1967.

OKANYE

- 4.2 Thumelela usisi wakho i-emiyile uvuyisane naye kwisikhundla sobuManejala asifumeneyo kwivenkile yakwaWoolworths.

OKANYE

- 4.3 Bhala isaziso / isibhengezo sesikolo sokuthunga esineminyaka emithathu sisebenza. Iindleko uyakwazi ukuzihlawula kancinci xa sele uphumelele, wavula ishishini lokuthunga iimpahla zala maxesha.

[10]

AMANQAKU ECANDELO B: [50]

ICANDELO C

IMIYALELO

- Umvavanywa uya kukhetha umbuzo ube MNYE kuphela kwemine ayibuziweyo kweli candelo.
- Phendula umbuzo 5.1 okanye 5.2 okanye 6.1 okanye 6.2.

**UMBUZO 5
IINTSOMI**

Sasinoncwadi kwatanci – S.C. Satyo nabanye

- 5.1 5.1.1 Yithi gqaba-gqaba ngamaXhosa amandulo noshicilelo lweencwadi. (10)
- 5.1.2 Kutheni le nto iintsomi zibaliswa ngorhatya / ebusuku? Chaza ngokubanzi. (5)
- 5.1.3 Kwincwadi yakho yeentsomi, ncothula intsomi ibe NYE ephuhlisa inyaniso ethi “Ilizwi lomntu omkhulu alityiwa yinja.” (10)
- 5.1.4 Yiza namaqhalo anokuba neentsingiselo ezifana nezi:
- a. Umntu utya iziqhamo zokusebenza kwakhe.
 - b. Ungabokuyincama into ungayivelelanga macala onke.
 - c. Umntu ngamnye uziphethe kwindawo yakhe.
 - d. Umntu onesazela.
 - e. Umntu ongapheliyo apho ebencedwe khona. (5)
- [30]**

OKANYE

- 5.2 5.2.1 Yintoni intsomi? (3)
- 5.2.2 Sifumana ziphi iimfundiso kwezi ntsomi zilandelayo:
- a. Imvelaphi yezimba? (2)
 - b. Udyakalashi nengonyama? (2)
 - c. Idama lezilwanyana? (2)
- 5.2.3 Yiza namaqhalo azizithetha-ntonye nala angezantsi:
- a. Akukho nkwaliphandela enye.
 - b. Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.
 - c. Iqaqa aliziva kunuka.
 - d. Inkov' iphum' ethangeni.
 - e. Inkqayi ingena ngeentlontlo. 1x5=(5)
- 5.2.4 Yintoni ebangela uncwadi lwamandulo luphumpeke lwakubhalwa? (4)

5.2.5 Yakha izaci kula magama alandelayo:

- a. ingwe
- b. uhili
- c. uxam
- d. iintakumba
- e. impuku

1x5=(5)

5.2.6 Xela imisebenzi ibe MITHATHU yamaqhina.

(3)

5.2.7 Sombulula la maqhina angezantsi:

- a. Ndinanto yam ingasokuze ibe manzi nokuba sendintywile emanzini.
- b. Ndinamntu wam uthi xa umthumile angabuyi.
- c. Ndinamntu wam umaphiko mabini kodwa akabhabhi ngawo.
- d. Ngenkatha yezala.

1x4=(4)

[30]

OKANYE

UMBUZO 6 AMABAL' AMAFUTSHANE

Apha naphaya – D.M. Jongilanga

6.1 6.1.1 Hlalutya ibalana elithi **Uvimba kaBhelezabhubhe** phantsi kwezi ngongoma:

- a. Isimo sentlalo.
- b. ingxaki ekhoyo.
- c. Isisombululo.

(8)

(4)

(6)

6.1.2 “Kule mihla siphila kuyo akusekho mahluko phakathi komngcwabo nomtshato” Vakalisa izimvo zakho kolu luvo, uluxhase okanye uluchase ngokungqiyama kwiziganeko ezenzeka ngomhla womfihlo kaSolakhe Dlala.

(12)

[30]

OKANYE

6.2 Funda esi sicutshulwa ukuze wandule ukuphendula imibuzo eya kusilandela:

Zaqala iintshaba zakhe zafuna macebo wambi okumbeka ibala lo mfana. Wamenywa qho kumatheko namathekwana azo enunuswa neggabi likalonji. Laa nto yabangela ukuba uDamoyi athi ngenye imini. “Mfondini, uyaxoka akuyiyo indoda, uyinkwenkwe. Uya kuthini ukuthi amadoda ehleli ngento uphikelele wena ukuyicekisa. Suka. *man, be morden. Take a sip to calm your nerves after a hard day's work.*”

“Myeke, ntangam,” kuphendule uLandela ebujala, “usafika apha ekufundiseni. Eqale ngokuyinxibela amagxa omnga nje, ehamba ngezingqi exela abafana bobisi uza kubindeka adode. KuseQhiniha apha sobuye sive gaye apho kuphilwa khona.”

“Eyona nto isisimanga nindnunusa ngotywala naxa senibona ukuba andibufuni. Nizama ntoni kanye? Ukuba nifuna ndisele khanibeke apha umntu abe mnye eninokuthi esisinhlanha nje utywala waphumelela ngokubuncaca kunina?”

- 6.2.1 Ngubani lo mfana kuthethwa naye apha? (1)
- 6.2.2 Wayesebenza msebenzi mni? (1)
- 6.2.3 Yintoni eyayibangela abe neentshaba kulo msebenzi wakhe? (3)
- 6.2.4 Liphi ikhaya lakhe? (1)
- 6.2.5 Ibanga lesithandathu waliphumelela njani? (2)
- 6.2.6 Wayefunda kwesiphi isikolo? (1)
- 6.2.7 Kwakungubani inqununu yakhe? (1)
- 6.2.8 Yithi gqaba-gqaba ngesiganeko esithile esenzeka esikolweni wayefunda kuso nangasokuze asilibale ebomini bakhe. (4)
- 6.2.9 Kwenzeka ntoni esikhululweni sikaloliwe mhla wayeqala ukuya esinaleni? (4)
- 6.2.10 Thelekisa isikolo awayefunda kuso nale ndawo asebenza kuyo. (2)
- 6.2.11 Nika igama lomphathi wakhe kulo msebenzi awenzayo. (1)
- 6.2.12 Lo mfana waqeqeshelwa phi ukwenza lo msebenzi akuwo? (1)
- 6.2.13 Sithatshululwe kweliphi ibalana esi sicutshulwa? (1)
- 6.2.14 Chaza iintsingiselo zamabinzana anomgca ngaphantsi. (4)
- 6.2.15 Saba yintoni isiphelo salo mfana? (3)

AMANQAKU ECANDELO C: [30]

AMANQAKU EWONKE: 120